

# ISAKHONO SOKUSEBENZISA IILWIMI EZILIQELA SIBALULEKILE

***– egumbini lokufundela, ekhampasini, ehlabathini nangaphakathi komnye nomnye wethu.***

KwiYunivesithi yaseStellenbosch (SU) sikholelwa ekubeni **isakhono sokusebenzisa iilwimi eziliqela** simalunga nangaphezulu kokwazi nje ukusebenzisa iilwimi ngeelwimi.

**Simalunga nokuliqonda ixabiso laloo nto ithethwayo, kungakhathalisekile nokuba kusetyenziswa oluphi ulwimi, kwa nokuba oko kuthethwa ngesiNgesi, ngesi-Afrikansi, ngesiXhosa okanye ngoLwimi lweZandla lwaseMzantsi Afrika.**

Sibhekise kukwahluka-hlukana kwethu njengelizwe – kwaye siyasivumela ukuba siqhagamshelane ngeendlela ebesingenako ukuqhagamshelana ngazo ngaphandle kwesi sakhono. Isakhono sokusebenzisa iilwimi ngeelwimi ke ngoko sikwa sisimo sengqondo.

Ingqwalasela yethu siyi-SU ayikho nje kuphela **kwisakhono seziko sokusebenzisa iilwimi eziliqela**, kodwa **nakwisakhono somntu ngamnye sokusebenzisa iilwimi eziliqela**. Ngamanye amagama, asiniki ngqwalasela nje kuphela ekumiseleni iindawo zesakhono sokusebenzisa iilwimi eziliqela kwiYunivesithi, umzekelo ngokuqinisekisa ukuba le Yunivesithi inxibelelana ngeelwimi ezintathu xa ibhekisa kubo bonke abasebenzi nabafundi, kodwa kananjalo sikwabakhuthaza ngamandla abantu ukuba benze iinzame zokuba basebenzise iilwimi ezingaphezu kolunye, nkqu nokuba bakwazi ukuzithetha kwaye baziqonde nje kancinci ezinye zezo lwimi. Xa sizimisele ukuphuma kwiimeko zethu zokukhululeka ngokujoliswe kwezeelwimi ukuze siqhagamshelane nomnye umntu ngolwimi aluxabisileyo, kwenzeka uhlobo lommangaliso wabantu omhle kunene.

**Isakhono sokusebenzisa iilwimi eziliqela somntu omnye** lulutho esingathanda ukuluphuhlisa ngenxa yoncedo olucacileyo lwezemfundo oluza noku. Ukudala amathuba esakhono sokusebenzisa iilwimi eziliqela kuvumela abantu ukuba baphuhlise isakhono sabo sokusebenzisa iilwimi okanye intlaninge yeelwimi ngeendlela ezahluka-hlukeneyo nangamazinga ahluka-hlukeneyo okubalasela.

Yonke into oyaziyo nothi ukhawulelane nayo ngokuphathelene neelwimi nendlela ezinxulumana ngayo inegalelo kwisakhono sakho sokusebenzisana nehlabathi.

**Singaqala phi?** Yiba kunye nathi ekuphuhliseni indlela yokucinga engeelwimi eziliqela e-SU.


SU Language Centre
IZiko leeLwimi lase-SU
US Taalsentrum
STELLENBOSCH UNIVERSITY

44 Banghoek Rd | 7 Bosman St

taalsentrum@sun.ac.za

+27 21 808 2167